Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

# IKHWELO LOTYUMBO UKUZALISA IZIKHEWU KWIKHOMISHONI YEZENKCUBEKO YASENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema uluntu ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo njengamalungu eKhomishoni yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni. Abantu abonyuliweyo baza kukhonza ixesha leminyaka emithathu le-ofisi.

Injongo yale Khomishoni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo owiswe nguMphathiswa onoxanduva lwemiba yezenkcubeko. IKhomishoni yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni yasekwa ukuze iqalise iimfuno zoMthetho weKhomishoni yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni kunye neBhunga lezeNkcubeko, 1998 (uMthetho 14 ka-1998), kunye noMgaqo-siseko weNtshona Koloni. AMalungu eKhomishoni yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni aza kuba liGunyabantu eliNika iNkcaza leli qumrhu kwaye aza kuba noxanduva lwayo yonke imiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yamacandelo 49 ukuya kwelama 57 oMthetho woLawulo lweziMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (PFMA).

**Iimfuno:**

**Abatyunjwa mababe noku kulandelayo:**

- babe ngabemi baseMzantsi Afrika ubuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabahlali abasisigxina baseNtshona Koloni;
- bamele kangangoko ukwahlukana kwenkcubeko yabantu baseNtshona Koloni;
- bazi ngokupheleleyo ubuncinane ezimbini zeelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni; kwaye
- babe nolwazi lwemiba yezenkcubeko kwaye babe negalelo elisebenzayo nelibonakalayo kuphuhliso, ukhuthazo nogcino lwenkcubeko yabantu baseNtshona Koloni.

**Abatyunjwa mababe nolwazi kunye/okanye amava kuyo nayiphi na kwezi zilandelayo:**

- izifundo zoshishino;
- izenzo zokuthengisa nezolawulo;
- ukwahluka ngokwezenkcubeko;
- imbali yezenkcubeko, ulwazi lwezentlalo lomntu njengesidalwa, ubugcisa baseqongeni kunye neelwimi;
- uhlalutyo longaqo-nkqubo notoloiko; kwaye
- babe neemfuno zolawulo oluqiqileyo lwezimali nothotyelo ngokwemigaqo ye-PFMA.

Utyumbo malwenziwe kwifomu yotyumbo oluxeliweyo kwaye malungeniswe ingabethanga eye-**12:00 ngowama-28 Novemba 2024**.

Ifomu yotyumbo ingothulwa kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za. Le fomu ingaphinda icelwe kuMnu Waseem Matthews, iGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo. Idilesi ye-imeyile yakhe ithi: wmatthews@wcpp.gov.za.

Nceda uqaphele ukuba ubulungu bekhomishoni ayisiso isikhundla esisigxina sengqesho.

**Sikhutshwe nguMnu T Walters (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.**

gear GA3939

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika
www.wcpp.gov.za

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa
info@wcpp.gov.za

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika
+27 21 487 1600

Promoting tolerance, equity, diversity, integrity, dignity, equality, respect and justice